PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA ULUVO LWAKHO

## UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WONXIBELELWANO LWEKHOMPYUTHA [B12 – 2026]

### UKUNGENISWA KWEZIPHAKAMISO ZOLUNTU

IKomiti yeMicimbi yeSebe lezoNxibelelwano nobuChwepheshe beDijithali imema abachaphazelekayo kunye namaqela anomdla ukuba enze iziphakamiso ezibhaliweyo malunga **noMthetho-siHlomelo oYilwayo woNxibelelwano lweKhomputha [B12 – 2026]. Lo Mthetho uYilwayo wathiwa thaca ePalamente nguMphathiswa wezoNxibelelwano nobuChwepheshe beDijithali ngomhla wama-20 kuTshazimpuzi 2026**.

Lo Mthetho uYilwayo ufuna: ukuhlomela uMthetho woNxibelelwano ngeKhompyutha, ka-2005, ukuze uMphathiswa onoxanduva loorhulumente basekhaya enze umthetho kamasipala osemgangathweni wesizwe wokusasazwa ngokukhawuleza kothungelwano lonxibelelwano lwekhompyutha kunye nezibonelelo; ukwenza ukuba “uyisebenzise okanye wabelane ngayo” nomgaqo-nkqubo wolandelelwano; ukulawula ukuzulazula kunye neenkonzo zomqhubi zenethiwekhi yemfonomfono; ukuphucula isakhelo sokuqeshisa kwamaziko kunye nokubonelela ngemithetho nemigangatho yamaxabiso entengiso; ukubonelela ngolawulo oluphuculweyo lokhuphiswano; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

**Umhla wokuvala ukungenisa iziphakamiso ezibhaliweyo kulo Mthetho uYilwayo yintsimbi ye-16:00 ngoLwesihlanu, umhla wama-21 kweyeThupha 2026. Uyacelwa ukuba uphawule kwisingeniso sakho ukuba ungathanda ukwenza intetho yomlomo kwiKomiti.**

Iziphakamiso okanye imibuzo mazithunyelwe kuNobhala weKomiti, uMnu Thembinkosi Ngoma nge-imeyile ku: **tngoma@parliament.gov.za** okwafumaneka kule nombolo 083 709 8407.

Iikopi zoMthetho oYilwayo ziyafumaneka ku-www.parliament.gov.za kwaye zinokucelwa nakuNobhala weKomiti.

**Ikhutshwe ngoHloniphekileyo: KLN Sangoni, iLungu lePalamente, uSihlalo: iKomiti yeMicimbi yeSebe loNxibelelwano kunye nobuChwepheshe beDijithali**

**Your Parliament. Your Voice. Your Future.**